



GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GGT 2030
GROWING GAUTENG TOGETHER

IsiXhosa/English

INkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R Grade R Mathematics Improvement Programme



**INdibano yoCweyo 8 • Workshop 8
IsiKhokelo somBhexeshi • Facilitator's Guide**

The Grade R Mathematics and Language Improvement Project is an initiative of the **Gauteng Department of Education** and its key partner, the **Gauteng Education Development Trust**.

The development and production of the training and classroom resources for the Grade R Mathematics and Language Improvement Project were made possible by generous project funding from the **United States Agency for International Development** and the **Zenex Foundation**.

The Grade R Mathematics and Language Improvement Project is managed by **JET Education Services** with **UCT's Schools Development Unit** and **Wordworks** as technical partners.

The **Schools Development Unit (SDU)** at the **University of Cape Town (UCT)** is the mathematics technical partner to the Grade R Mathematics and Language Improvement Project. The SDU is a unit within UCT's School of Education that focuses on teachers' professional development in Mathematics, Science, Literacy/Language and Life Skills from Grade R to Grade 12. The SDU offers teacher qualifications and approved UCT short courses, school-based work, materials development and research to support teaching and learning in all South African contexts.

ACKNOWLEDGEMENTS

Special thanks to:

- The Gauteng Department of Education Curriculum, Teacher Education and Special Education Directorate officials for their contribution to the adaptation of our materials.
- The Western Cape Education Department (WCED) officials and teachers for their contribution to the successful implementation of the Grade R Mathematics Programme (R-Maths) in the Western Cape between 2016 and 2019.
- The R-Maths writing team: SDU staff and consultants.



The Grade R Mathematics Improvement Programme is adapted from *R-Maths*, first published in 2017 by the Schools Development Unit, University of Cape Town. Copyright of *R-Maths* is held by the University of Cape Town.

The Grade R Mathematics Improvement Programme is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 International Licence [Attribution-NonCommercial-ShareAlike].



This licence allows re-users to distribute, remix, adapt, and build upon the material in any medium or format for non-commercial purposes only, and only so long as attribution is given to the creator. If you remix, adapt, or build upon the material, you must license the modified material under identical terms. To view the full conditions for this licence, visit: <https://creativecommons.org/licenses/by-nc-sa/4.0/>

Programme conceptualisation and management: Cally Kuhne and Tholisa Matheza

Translation and publishing project management: Arabella Koopman

Translation co-ordination (Nguni languages): Pumeza Ngobozana

Translation: Fikiswa Magqashela

Editing (isiXhosa): Pumeza Ngobozana

Illustrations: Jiggs Snaddon-Wood

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi lilinge **leSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education)** kunye neqabane layo eliphambili, i**Gauteng Education Development Trust**.

Ukwenziwa nokuveliswa kwezixhobo zoqeqesho nezegumbi lokufundela kwenziwe kwayimpumelelo ngezibele zenkxasomali ye**United States Agency for International Development** kwakunye ne**Zenex Foundation**.

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi ilawulwa yi**JET Education Services** ne**Schools Development Unit** yase**UCT** kunye no**Wordworks** njengamaqabane ezobugcisa.

Schools Development Unit (SDU) kwi**Yunivesithi yaseKapa (UCT)** liqabane lezobugcisa kwimathematika kwiProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi. ISDU yiyunithi ngaphakathi kwiSchool of Education kwiYunivesithi yaseKapa egxile kuphuhliso lobungcali bootitshala kwiMathematika, izifundo zeNzululwazi, iLitherasi/uLwimi kunye neZakhono zoBomi ukusuka kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISDU inikezela ngezinqinisekiso zootitshala kunye nezifundo ezifutshane ezivunyiweyo zeUCT, umsebenzi osekwe esikolweni, uphuhliso lweemathiriyeli kunye nophando lokuxhasa ukufundisa nokufunda kuzo zonke iimeko eMzantsi Afrika.

IMIBULELO

Senza umbulelo ongazenzisiyo:

- KwiCandelo leKharithyulam kwiSebe leMfundo laseGauteng, Izifundo zootitshala kunye namagosa eCandelo elikhethekileyo leMfundo ngenkxaso yabo ekuvelisweni kwale mathiriyeli.
- Kumagosa eSebe leMfundo laseNtshona Koloni (WCED) kunye nootitshala ngegalelo labo kwimpumelelo yokuphuyezwa kweGrade R Mathematics Programme (R-Maths) eNtshona Koloni phakathi kweminyaka ka2016 no2019.
- Iqela lababhali beR-Maths: Abasebenzi kwiSDU.



INkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R ilungiselelwe kwi**R-Maths**, yapapashwa okokuqala ngowama2017 yiSchools Development Unit, kwiYunivesithi yaseKapa. Ilungelo loshicilelo leR-Maths ligcinwe yiYunivesithi yaseKapa.

INkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R inelayisensi phantsi kwe-Creative Commons Attribution 4.0 International Licence [Attribution-NonCommercial-ShareAlike].



Le layisensi inika abasebenzisi bezi zixhobo ilungelo lokuba bangazihambisa kwabanye abantu, bangazixuba, bangazitshintsha baze bazandise kodwa oko bangakwenzeli inzuzo okubalulekileyo kukuba bafumane imvume. Xa ubani ethe wazixuba, wazitshintsha okanye wazandisa, kufuneka ke izixhobo ezitshintshweyo zibe nelayisensi ehambelana noko. Ukujonga imiqathango epheleleyo yale layisenisi, ndwendwela ku:

<https://creativecommons.org/licenses/by-nc-sa/4.0/>

Ukusungulwa nokuphathwa kwenkqubo: Cally Kuhne kunye noTholisa Matheza
Ulawulo lwenguqulelo nopapasho lweprojekthi: Arabella Koopman
Ulungelelaniso lwenguqulelo (iilwimi zesiNguni): Pumeza Ngobozana
Umguquli: Fikiswa Magqashela
Umhleli (isiXhosa): Pumeza Ngobozana
Imizobo: Jiggs Snaddon-Wood

Contents

Overview

Purpose	page 6
Learning outcomes	page 6
Workshop content	page 6
Preparation	page 8
Materials	page 8

Workshop content

Opening and reflection	page 10
Session 1: Measurement	page 14
Session 2: Measurement (continued)	page 22
Session 3: Revisiting Grade R maths topics	page 26
Session 4: Planning for teaching	page 30
Closing activities	page 32
Appendix A: Term 3 Weekly Planning Template	page 36
Workshop 8 Evaluation Form	page 42

Isiqulatho

Amagqabantshintshi

Injongo	iphepha 7
Iziphumo zokufunda	iphepha 7
Umxholo wendibano yocweyo	iphepha 7
Ulungiselelo	iphepha 9
Iimathiriyeli	iphepha 9

Umxholo weNdibano yoCweyo

Ukuvula nocamngco	iphepha 11
Iseshoni 1: Umlinganiselo	iphepha 15
Iseshoni 2: Umlinganiselo (uyaqhutywa)	iphepha 23
Iseshoni 3: Ukubuyela umva kwizihloko zeMathematika zeBanga R	iphepha 27
Iseshoni 4: Ukucwangcisa ukufundisa.....	iphepha 31
Imisebenzi yokuqokumbela	iphepha 33

Isingeniso A: Ithempleyithi yesiCwangciso seVeki neVeki

kwiKota 3	iphepha 37
IFomu yokuHlola yeNdibano yoCweyo 8	iphepha 43

Overview

Purpose

This is the eighth of twelve Grade R Mathematics Improvement Programme workshops, which form part of the Gauteng Department of Education (GDE) Grade R Mathematics and Language Improvement Project.

The purpose of this workshop is to continue assisting teachers to implement the Maths Programme in their classrooms. Participants will have the opportunity to reflect on their observations. They will explore how the guiding principles of teaching maths in Grade R should inform their planning, teaching and assessment. They will also consider learner progress, and individual developmental and learning needs. The workshop explores the content for Term 3 Weeks 4–6 and its classroom implementation.

References to the Grade R Mathematics Content Areas are taken from the *Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS): Grade R Mathematics (Final Draft)*, 2011, Department of Basic Education, South Africa.

Learning outcomes

- ◆ To reflect on the implementation of Term 3 Weeks 1–3
- ◆ To explore play-based strategies to support teaching maths in Grade R
- ◆ To deepen the understanding of the Maths Programme's topics
- ◆ To reflect on challenges and find solutions to implementing the Maths Programme
- ◆ To map out the Maths Programme content to be taught in Term 3 Weeks 4–6

Workshop content

- ◆ Opening and reflection (1 hour)
 - ◆ Session 1: Measurement (1 hour)
- TEA
- ◆ Session 2: Measurement (continued) (1 hour)
 - ◆ Session 3: Revisiting Grade R maths topics (1 hour)
- LUNCH
- ◆ Session 4: Planning for teaching (1½ hours)
 - ◆ Closing activities (30 minutes)

Amagqabantshintshi

Injongo

Le yeyesibhozo kwezilishumi elinambini iindibano zocweyo zeNkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R (iNkqubo yeMathematika), eziyinxalenye yeProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi yeSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education (GDE)).

Injongo yale ndibano yocweyo kukuncedisa ootitshala ukuba baphumeze iNkqubo yeMathematika eziklasini zabo. Abathathinxaxheba bazakuba nethuba lokucinga nzulu ngoko bakuqwalaseleyo. Baza kuhlola indlela imigaqo ekhokelayo yokufundisa imathematika kwiBanga R elufuthela ngayo ucwangciso, ukufundisa kwanokuhlolwa kwabo. Bazakuphinda baqwalasele nenkqubela yabafundi, ukukhula komfundi ngamnye kunye neemfuno zokufunda. Indibano yocweyo iphonononga umxholo weKota 3 iiVeki 4–6 kunye nokuphunyezwa kwawo eklasini.

Ubhekiso kwiiNkalo zomXholo weMathematika weBanga R luthathwe *kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS): IBanga R iMathematika (idrafti yokugqibela)*, 2011, iSebe leMfundo esiSiseko, yaseMzantsi Afrika.

Iziphumo zokufunda

- ◆ Ukuthetha ngokuphunyezwa kweKota 3 iiVeki 1–3
- ◆ Ukuphonononga amacebo asekwemidlalweni ukuxhasa ukufundisa imathematika kwiBanga R
- ◆ Ukuzikisa ukuqonda kwizihloko zeNkqubo yeMathematika
- ◆ Ukucamngca ngeengxaki nokufumana izisombululo zokuphumeza iNkqubo yeMathematika
- ◆ Ukuceba umxholo weNkqubo yeMathematika oza kufundiswa kwiKota 3 iiVeki 4–6

Umxholo wendibano yocweyo

- ◆ Ukuvula nocamngco (1 iyure)
 - ◆ Iseshoni 1: Umlinganiselo (1 iyure)
- ITI
- ◆ Iseshoni 2: Umlinganiselo (uyaqhutywa) (1 iyure)
 - ◆ Iseshoni 3: Ukubuyela umva kwizihloko zeMathematika zeBanga R (1 iyure)
- ISIDLO SASEMINI
- ◆ Iseshoni 4: Ukucwangcisa ukufundisa (1½ iiyure)
 - ◆ Imisebenzi yokuqokumbela (30 imizuzu)

Preparation

- ◆ PPT welcome and outcomes
- ◆ Familiarise yourself with all the PowerPoints and videos
- ◆ Read:
Concept Guide, pages 16–25, 28–31, 58–69 and 114–219
Activity Guide: Term 3, pages 18 and 70–119
- ◆ Bring the post box
- ◆ Remind participants to bring their:
Concept Guide
Activity Guide: Term 2
Activity Guide: Term 3
Poster Book

Materials

- ◆ Flipchart paper, kokis
- ◆ Prestik
- ◆ *A Resource Kit* for each group
- ◆ For Activity 2: string, pencils, sticks, jug, vase, cups, bottles and containers of different sizes (including two containers with different shapes, but the same capacity), bucket of water, balance scale, two or more kinds of fruit, books of different masses, one plastic bottle and one glass bottle of different masses, candles, egg timers, stopwatch (on a cellphone)

Ulungiselelo

- ◆ PPT ulwamkelo neziphumo
- ◆ Ziqhelanise nazo zonke iiPowerPoints neevidiyo
- ◆ Funda:
IsiKhokelo seeKhonsepthi, amaphepha 16–25, 28–31, 58–69 nawe114–219
IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3, amaphepha 19 nawe70–119
- ◆ Yiza nebhokisi yeposi
- ◆ Khumbuza abathathinxaxheba ukuba beze nesabo:
IsiKhokelo seeKhonsepthi
IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 2
IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3
INcwadi yeePowusta

Iimathiriyeli

- ◆ Iphepha lefliptshathi, iikhoki
- ◆ Iprestiki
- ◆ *IKiti yeziXhobo* yeqela ngalinye
- ◆ EyoMsebenzi 2: umsondo, iipensile, izinti, ijagi, ivazi, iikomityi, iibhotile nezikhongozeli ezingalinganiyo ngobukhulu (kuquka izikhongozeli ezimbini ezineemilo ezahlukileyo, kodwa zilingane ngomthamo), ibhakethe lamanzi, isikali, iindidi ezimbini zeziqhamo nangaphezulu, izinto ezahlukileyo ngobunzima, iibhotile enye yeplastiki nebhottle enye yeglasi, amakhandlela, izibali-xesha zamaqanda, *istopwatch* (kwiselfowuni)

Opening and reflection

1 hour

Facilitator's notes

- ◆ PPT: Learning outcomes of the workshop.
- ◆ Discuss the post box comments and feedback from the previous workshop. Remind participants to 'post' any new comments and feedback during the workshop.
- ◆ Remind participants of the *Take back to school task* from the end of Workshop 7.
- ◆ Refer participants to **Activity 1** and read through the instructions. Participants complete the activity in their groups. Groups then share key points with the large group.
- ◆ After the small group discussions, take comments from each group. Summarise the successes and challenges and discuss the implications for classroom implementation.

Here is the *Take back to school task* from Workshop 7.



Take back to school task (Workshop 7)

1. Use the Term 3 Weekly Planning Template in Appendix A to plan and implement Term 3 Weeks 1–3 of the Maths Programme.
2. Document how you used the '**Check that learners are able to**' observation list (in the eye box) during each of the teacher-guided activities.
3. Write an evaluation of what worked well, what did not work so well and what you could do differently to improve teaching and learning.
4. Bring your evaluation to the next workshop.



Activity 1

1. In your group, share your successes and challenges with implementing the Maths Programme in Term 3 Weeks 1–3.

2. Discuss your use of the '**Check that learners are able to**' observation list (in the eye box) during each of the teacher-guided activities.

Amanqaku ombhexeshi

- ◆ PPT: Iziphumo zokufunda zendibano yocweyo.
- ◆ Xoxani ngezimvo ngebhokisi yeposi nengxelo yendibano yocweyo edlulileyo. Khumbuza abathathinxaxheba ukuba 'bapose' naziphi izimvo ezintsha nengxelo ngexesha lendibano yocweyo.
- ◆ Khumbuza abathathinxaxheba ngo*Msebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* osekupheleni kweNdibano yoCweyo 7.
- ◆ Bhekisa abathathinxaxheba ku*Msebenzi 1* uze ufunde nemiyalelo. Abathathinxaxheba benza umsebenzi kumaqela abo. Emva koko amaqela abelana ngamanqaku awo angundoqo kwiqela elikhulu.
- ◆ Emva kweengxoxo zamaqela amancinci, thatha iimbono kwiqela ngalinye. Shwankathelani izinto ezithe zaphumelela kwanemingeni nize nixoxe ngoko kuya kuba nzima kukuphumeza eklasini.

Nanku *Umsebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* othathwe kwiNdibano yoCweyo 7.



Umsebenzi ekuzakubuyelwa nawo esikolweni (INdibano yoCweyo 7)

1. Sebenzisa iThempleyithi yeSicwangciso seVeki neVeki seKota ekwiSingeniso A ukucwangcisa uze uphumeze iKota 3 iiVeki 1–3 of seNkqubo yeMathematika.
2. Bhala indlela olusebenzise ngayo uluhlu lokuqwalasela oluthi '**Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-**' (kwibhokisi eneliso) ngexesha lomsebenzi ngamnye okhokelwa ngutitshala.
3. Bhala uhlobo loko kusebenze kakuhle, noko kungasebenzanga kakuhle kwanoko usenokwenza ngcono ukuphucula ukufundisa nokufunda.
4. Yiza nohlolo lwakho kwindibano yocweyo elandelayo.



Umsebenzi 1

1. Kwiqela lakho, yabelanani ngezinto enithe naphumelela kuzo kwanemingeni yokuphumeza iNkqubo yeMathematika iKota 3 iiVeki 1–3.
-
-
-

2. Xoxani ngendlela olusebenzise ngayo uluhlu loqwalaselo ku'**Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-**' (kwibhokisi eneliso) ngexesha layo ngaminye imisebenzi ekhokelwa ngutitshala.
-
-
-

3. Share strategies for improving teaching and learning for the challenges you identified.

4. Write the main points of your discussion on flipchart paper. Report back on your discussion to the large group.

 **Video 1**

Activity Guide: Term 3, Week 3, Teacher-guided activity (pages 64–67)

Watch the video of a teacher working with a small group of learners during the teacher-guided activity in Term 3 Week 3.

Observe how the teacher:

- ◆ has prepared the small group activity
- ◆ manages the transitions between the eight tasks
- ◆ uses questions to guide the learners
- ◆ records her observations of what has been learnt using the ‘**Check that learners are able to**’ observation list.

Facilitator’s notes

Show the video and lead a discussion based on the four observation prompts. If participants do not mention the following points, add them to the discussion.

- ◆ It is essential to read the *Getting ready* and *What you need* sections of the *Activity Guide*.
- ◆ It is important to be prepared **before** the week/day begins and to have all the resources available during an activity.
- ◆ Teachers must have read the activities and be able to engage with the learners without reading the *Activity Guide* line by line.
- ◆ Manage the time allocated to an activity. Do not spend too long on any task so that others have to be omitted. (Remember learners in Grade R should only spend 10–15 minutes on an activity.)
- ◆ Use closed questions to determine knowledge/facts and use open-ended questions to probe learner’s reasoning and to find out how they solve problems.
- ◆ Listening to and observing **each** learner provides insight into their progress. It helps you to identify their abilities and the gaps in their skill and/or understanding.

3. Yabelanani ngamacebo okuphucula ukufundisa nokufunda kulo mingeni ethe yachongwa.

4. Bhalani amanqaku angundoqo engxoxo yenu kwiphepha lefliptshathi. Nikani ingxelo ngengxoxo yenu kwiqela elikhulu.



Ividiyo 1

IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3, iVeki 3, Umsebenzi okhokelwa ngutitshala (amaphepha 64–67)

Bukelani ividiyo katitshala esebenza neqela elincinci labafundi ngexesha lomsebenzi okhokelwa ngutitshala kwiKota3 iVeki 3.

Qwalasela indlela utitshala:

- ◆ awulungiselele ngayo umsebenzi weqela elincinci
 - ◆ alawula ngayo iinguqu phakathi kwemisebenzi esibhozo
 - ◆ asebenzisa ngayo imibuzo ukukhokela abafundi
 - ◆ abhala ngayo phantsi oko akuqwalaseleyo koko kufundiweyo esebenzisa **'Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-'** kuluhlu loqwalselo.
-
-
-
-
-

Amanqaku ombhexeshi

Bonisa iklasi ividiyo eya kukholela kwingxoxo esusela kwizikhokelo ezine abaziqapheleyo. Ukuba abathathinxaxheba abawakhankanyi la manqaku mane alandelayo, wafake kwingxoxo.

- ◆ Kubalulekile ukufunda amacandelo *Ukulungela* nelithi *Okudingayo* kwisiKhokelo semiSebenzi.
- ◆ Kubalulekile ukwenza amalungiselelo **ngaphambi** kokuba iveki/usuku luqale nokuba nazo zonke izixhobo ezifunekayo ngexesha lomsebenzi.
- ◆ Ootitshala kufuneka babe bayifundile imisebenzi bakwazi ukusebenza ngabafundi ngaphandle kwisiKhokelo semiSebenzi umgca nomgca.
- ◆ Ukulawula ixesha elimiselelwe ukwenza umsebenzi. Ungachithi xesha lide kakhulu kuwo nawuphi na umsebenzi ngokokude abanye bashiywe. (Khumbula ukuba abafundi beBanga R bamele ukuchitha imizuzu eli 10–15 ukwenza umsebenzi.)
- ◆ Sebenzisa imibuzo evalekileyo ukukhangela ulwazi/izinto eziyinyani uze usebenzise imibuzo evulekileyo ukuqondisisa ingqiqo yomfundi nokukhangela indlela azisombulula ngayo iingxaki.
- ◆ Ukumamela nokuqwalasela **umfundi** ngamnye kwenza uyiqonde inkqubela yabo. Kukunceda ukuba ukwazi ukubona oko banokukwenza kwanezikhewu kwizakhono zabo/okanye ekuqondeni kwabo.

Session 1: Measurement

1 hour

Facilitator's notes

- ◆ Remind participants that the learners in Grade R measure informally, to find out 'How much of something' there is, by direct comparison and by using non-standard units of measurement. The focus in Grade R is on comparing how many non-standard units something measured. Discuss how learners can develop their estimation skills during measurement activities.

In Terms 1 and 2, time and length were the focus of Measurement. This session will revisit these topics and expand the discussion of Measurement to include mass, and capacity and volume.

Measurement is about finding out 'how much' there is of something. In Grade R, the focus of measurement is on:

- ◆ time
- ◆ length
- ◆ mass
- ◆ capacity and volume.

In the next activity, you will explore each of these measurement concepts.

Learners in Grade R measure informally, by direct comparison and by using non-standard units of measurement. Learners develop their estimation skills during informal measurement activities. They estimate how long or how heavy they think something is and then use a non-standard measuring instrument to find out how accurate their estimation was.

Facilitator's notes

- ◆ For **Activity 2**, set out the materials at different measurement workstations and clearly label each workstation according to the concept:
 - **Length:** string, pencils, sticks
 - **Capacity and volume:** jug, vase, cups, bottles and containers of different sizes (including two containers with different shapes, but the same capacity), bucket of water
 - **Mass:** balance scale, two or more kinds of fruit, books of different masses, one plastic bottle and one glass bottle of different masses
 - **Time:** candles, egg timers, stopwatch (on a cellphone).
- ◆ Divide participants into four groups and assign each group to a different measurement workstation. Explain that the groups will rotate. Participants should answer the questions in their *Participant's Workbook* for each workstation. They will spend about ten minutes at each workstation.

Ishoni 1: Umlinganiselo

1 iyure

Amanqaku ombhexeshi

- ◆ Khumbuza abathathinxaxheba ukuba abafundi kwiBanga R benza umlinganiselo ngokungamiselwanga, ukukhangela 'Ubungakanani bento' obukhoyo, ngokuthelekisa ngqo besebenzisa iiyunithi ezingekho sikweni zomlinganiselo. KwiBanga R kugxilwa ekuthelekiseni ukuba zingaphi na iiyunithi ezingekho sikweni zomlinganiselo zento ezilinganisiweyo. Xoxa ngendlela abafundi abangazikhulisa ngayo izakhono zothethekelelo ngexesha lemisebenzi yokwenza imilinganiselo.

KwiKota 1 neye 2, bekugxilwe kuMlinganiselo ngokwexesha nangokobude. Le seshoni iza kuphinda ibuyele umva kwezi zihloko ize yandise ingxoxo yoMlinganiselo ukuquka ubunzima, ubungakanani nevolumu.

Umlinganiselo umalunga nokufumana 'ubungakanani' bento. KwiBanga R, umlinganiselo ekugxilwa ngowe-:

- ◆ xesha
- ◆ ubude
- ◆ ubunzima
- ◆ ubungakanani nevolumu.

Kumsebenzi olandelayo, uza kuphonononga ikhonsepthi yomlinganiselo nganye kwezi.

Abafundi kwiBanga R benza umlinganiselo ngokungamiselwanga, ngokuthelekisa ngokuthe ngqo besebenzisa iiyunithi ezingekho sikweni zomlinganiselo. Izakhono zothethekelelo zabafundi ziyakhula ngexesha lemisebenzi yokwenza umlinganiselo ngokungamiselwanga. Bathekelela ukuba inde okange inzima kangakanani na into baze basebenzise iiyunithi engekho sikweni yomlinganiselo ukukhangela ukuchaneka kothethekelelo lwabo.

Amanqaku ombhexeshi

- ◆ Ku**Msebenzi 2**, yenza iimathiriyeli zezitishi zokusebenzela zemilinganiselo eyahlukahlukileyo ibhalwe ngokucacileyo ngokwekhonsepthi kwisitishi ngasinye:
 - **Ubude:** umsonto, iipensile, izinti
 - **Umthamo nevolumu:** ijagi, ivazi, iikomityi, iibhotile nezikhongozeli ezingalinganiyo ngobukhulu (kuqukwa izikhongozeli ezimbini ezineemilo ezahlukileyo, kodwa zilingane ngomthamo), ibhakethe lamanzi
 - **Ubunzima:** isikali, iindidi ezimbini nangaphezulu zeziqhamo, iincwadi ezinobunzima obahlukileyo, iibhotile enye yeplastiki kunye nebhottle enye yeglasi ezahlukileyo ngobunzima.
 - **Ixesha:** amakhandlela, izibali-xesha zamaqanda, *istopwatch* (kwiselfowuni).
- ◆ Yahlulahlula abathathinxaxheba babe ngamaqela amane uze unike iqela ngalinye isitishi sokusebenzela imilinganiselo eyahlukahlukileyo. Cacisa ukuba amaqela aza kumana etshintshana. Abathathinxaxheba baza kuphendula imibuzo kwi**Ncwadi yokuSebenzela yoMthathinxaxheba** kwisitishi ngasinye. Baza kuchitha imizuzu elishumi kwisitishi ngasinye.

- ◆ After the activity, discuss each workstation. Discuss how accurate the estimations were and which of the estimations could not be checked by measuring with the tools provided, e.g., the tallest person, whether it would take longer to eat lunch or drive to school.
- ◆ Highlight how learners need many opportunities to develop their comparison and estimation skills before they can use standard units of measurement.



Activity 2

With your group, move to the measurement workstation you have been assigned to and answer the questions in your *Participant's Workbook*. Rotate to the next workstation when you receive the signal.

Length

Refer to page 210 of the *Concept Guide*. What vocabulary did you use during this activity?

Find the answer to each of the following and identify the non-standard unit of measurement you used.

	Estimate (guess)	Non-standard unit of measurement	Length
1. Who has the longest shoe?			
2. Who is the shortest?			
3. How long is your <i>Participant's Workbook</i> ?			
4. Who has the longest arm?			
5. How wide is your table?			
6. How many hand spans is the height of the door?			

- ◆ Emva komsebenzi, xoxani ngesitishi sokusebenzela ngasinye. Xoxani ngendlela ebezichaneke ngayo iintekelelo nangokuba zeziphi iintekelelo ezingena kujongwa ngokwenza umlinganiselo wezixhobo ezinikiweyo, umz., oyena mntu mde, nangokuba kuthatha ixesha elide kangakanani ukutya isidlo sasemini okanye ukuya esikolweni.
- ◆ Gxininisa kwindlela ekufuneka abafundi bewafumene ngayo amathuba amaninzi okuphuhlisa izakhono zabo zokuthelekisa nezothekelelo ngaphambi kokuba basebenzise iyunithi esikweni yomlinganiselo.



Umsebenzi 2

Neqela lakho, yiyani kwisitishi sokusebenzela somlinganiselo obekwe kuso nize niphendule imibuzo kwi*Ncwadi yokuSebenzela yoMthathinxaxheba*. Tshintsha uye kwesinye isitishi sokusebenzela xa ufumene umqondiso.

Ubude

Bhekisa kwiphepha 211 lesi*Khokelo seeKhonsepthi*. Sesiphi isigama osisebenzisileyo kulo msebenzi?

Khangela impendulo yento nganye kwezi zilandelayo walathe iyunithi engekho sikweni yomlinganiselo oyisebenzisileyo.

	Thekelela (qashela)	Iyunithi engekho sikweni yomlinganiselo	Ubude
1. Ngubani onesona sihlangu side?			
2. Ngubani oyena mfutshane?			
3. Inde kangakani i <i>Ncwadi yokuSebenzela yoMthathinxaxheba</i> ?			
4. Ngubani uneyona ngalo inde?			
5. Inobubanzi obungakanani itafile yakho?			
6. Zingaphi izandla ezenza umlinganiselo womphakamo wocango?			

Capacity and volume

Refer to page 210 of the *Concept Guide*. What vocabulary did you use during this activity?

Find the answer to each of the following and identify the non-standard unit of measurement you used.

	Estimate (guess)	Non-standard unit of measurement	Capacity or volume
1. Which two containers of water will fill the jug?			
2. Which bottle holds the most cups of water?			
3. How many cups of water do you think it will take to fill the vase?			
4. How many cups of water will it take to half-fill the vase?			
5. Which container on the table has the least amount of water in it?			
6. Which two containers have the same amount of water?			

Mass

Refer to page 210 of the *Concept Guide*. What vocabulary did you use during this activity?

Find the answer to each of the following and identify the non-standard unit of measurement you used.

	Estimate (guess)	Non-standard unit of measurement	Mass
1. Whose handbag in your group is the heaviest?			
2. Which book in your group is the lightest?			
3. Who is the heaviest in your group? Who is the lightest?			
4. Which fruit is the heaviest?			
5. Which bottle weighs the most?			

Umthamo nevolumu

Bhekisa kwiphepha 211 lesi*Khokelo seeKhonsepthe*. Sesiphi isigama osisebenzisileyo kulo msebenzi?

Khangela impendulo yento nganye kwezi zilandelayo uze walathe iyunithi engekho sikweni yomlinganiselo oyisebenzisileyo.

	Thekelela (qashisela)	Iyunithi engekho sikweni yomlinganiselo	Umthamo nevolumu
1. Zeziphi izikhongozeli zamanzi eziza kugcwalisa ijagi?			
